



Whose story is it?

Many stories for children have been adapted over time from stories that were originally created for adults. In fact, it is translators who have often been responsible for crafting and reshaping these stories across time and space to suit their different audiences.

Think of Aesop's Fables. These stories were told by Aesop who was a slave and storyteller in Ancient Greece in the 5th Century BCE. For centuries his stories moved across continents, and were told and heard in many languages. It wasn't until 1484 that they first appeared in print – as stories for children, and in English! And even today new versions of these stories continue to be created.

Many famous fairy tales have different versions around the world. For example, across Africa and in Russia, France, Italy, Portugal, Appalachia, India and Japan, versions of the Grimm's fairy tale, *Hansel and Gretel* are told and read. This is not unique. The history of children's literature is a history of translation. It is through translation that stories from Greek, Latin, Hebrew, French, Italian and Asian languages have found their way into English. In South Africa, *Pinocchio*, originally written in Italian, has become *Pinokiyo* in isiXhosa and is now appreciated by children who do not necessarily know that the story came from Italy, a very different country.

Lelikabani eli bali?

Amabali abantwana amaninzi kungoku nje alungiselelwe abantwana, esuselwa kumabali ayesenzelwa abantu abadala mandulo. Inyaniso yeyokuba, kumathuba amaninzi, ngabaguquli-zilwimi abathe bathatha uxanduva lokunonga nokuxonxa la mabali ngokuhamba kwexesha nasezindaweni ezahlukileyo ukuze alungele okanye ahambelane nezimo zabafundi nabaphulaphuli abohlukileyo.


Khawukhe ucinge ngeNtsomi zika-Aesop. La mabali ayebaliswa ngu-Aesop owayelikhoboka kunye nombalisi-mabali kwilizwe lamandulo lamaGrike kwiNkulungwane ye-5th BCE. Sekungamakhulukhulu eminyaka amabali akhe ehamba-hamba kumazwekazi amaninzi, ebaliswa kwaye ephulaphulwa ngeelwimi ezininzi. Kwakungonyaka we-1484 kuphela ukuqaleka kokushicilelwa kwawo – enziwa amabali abantwana, kwaye ebhalwe ngesiNgesi! Kwaye iinguqulelo ezintsha zala mabali zisaxonxwa nanamhla oku.

Iintsomi ezininzi ezaziwayo zineenguqulelo ezohlukileyo kwihlabathi jikelele. Umzekelo, kwi-Afrika jikelele naseRussia, eFrance, e-Italy, ePortugal, e-Appalachia, e-India naseJapan, kubaliswa kwaye kufundwa iinguqulelo zentsomi kaGrimm ethi, *Hansel and Gretel*. Oku asinto ilibhaqo, yitlal'isenzeka. Imbali yoncwadi lwabantwana yimbali yokuguqulela amabali kwezinye iilwimi. Ukuze abe amabali esiGrike, esiLatini, esiHebhere, esiFrentshi, isiTaliyani kunye naweelwimi zase-Asia abe ngamabali afumaneka esiNgesini kungenxa yokuguqulela kwezinye iilwimi. EMzantsi Afrika, u*Pinocchio*, owaqala ukubhalwa ngesiTaliyani, waba ngu*Pinokiyo* esiXhoseni kwaye kungoku nje uthandwa ngabantwana abasenokungayazi nokuyazi ukuba eli bali lalivela e-Italy, ilizwe elohluke lee kwelabo.

Stories that originated in Africa have been retold in many languages too. All over the world people read the popular trickster tales featuring Hare, Tortoise or Spider that are found in many cultural traditions in Africa. These stories use animals with human qualities to entertain and instruct, and to convey wisdom and understanding about human nature and human behaviour.

At the moment there are not enough children's storybooks in African languages, either as original writing or as translations. But there are some, and the numbers will grow as people take the time to get to know, choose, read and talk about storybooks with their children and to request storybooks in their languages of choice.

As citizens of the world, we are curious about each other and teach one another as we tell and retell our stories – they mark us as belonging to the human race.



Find out about how to choose stories to share on page 3.

Fumanisa indlela yokukhetha amabali onokwabelana ngawo nabanye kwiphepha le-3.

Kananjalo amabali antsusa yawo ise-Afrika aphinda abaliswe kwakhona ngeelwimi ezininzi nawo. Kulo lonke ihlabathi abantu bafunda ngamabali kamaqhingana owaziwayo, apho kudlala abalinganiswa abangooMvundla, ooFudo okanye ooSigawu, nafumaneka kwiinkcubeko ezininzi zase-Afrika. La mabali asebenzisa izilwanyana ezineempawu zobuntu, esenzelwa ukonwabisa nokufundisa, kwakunye nokudlulisa ubulumko kunye nokuqonda ubuntu kwakunye nokuziphatha kwabantu.

Okwakaloku nje ezabantwana iincwadi zamabali nezibhalwe ngeelwimi zase-Afrika zisemalwa kakhulu, nokuba zezibhalwe kwasentsuseni ngeelwimi zase-Afrika okanye yimiguqulelwa. Kodwa ke zikhona ezikhoyo, kwaye ziya kwanda ngokwanda ukuba nje abantu bazinika ixesha lokwazi, lokukhetha, lokufunda nelokuncokola ngeencwadi zamabali kunye nabantwana babo kwaye bacele ukunikwa iincwadi zamabali ezingeelwimi abazithandayo.

Njengabemi behlabathi, sisoloko sirhalela ukwazana kwaye sifundisane lo gama sibaliselana amabali ethu nesiwabumba lo gama siwabalisayo – la mabali asenza sonke sibe yinxalenye yohlanga oluluntu.



Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebali.





Nal'ibali news

Nal'ibali's Holiday Programme was in full force during the July school holidays, spreading the message that reading is an enjoyable part of daily life. Our Literacy Mentors across the country set up holiday reading programmes that were designed to get children involved with stories and storytelling in fun and unusual ways. Here are some of the things that inspired children and their caregivers!

Iindaba zakwaNal'ibali

INkqubo yeeHolide kaNal'ibali yaqhubeka ngobunjalo bayo ngexesha leeholide zenyanga yeKhala, isasaza umyalezo wokufunda njengenxalenye eyonwabisayo yobomi bemihla ngemihla. Amakhankatha ethu eLitheresi kweli lizwe ngokubanzi amisela iinkqubo zokufunda zeeholide ezenzelwe ukuba abantwana bazibandakanye namabali kunye nokubalisa amabali ngeendlela apha ezonwabisayo nezingaqhelekanga. Nazi ezinye zezinto ezivuselele abantwana kunye neempelesi zabo!

“ At Nirvana Library in Polokwane, children enjoyed a programme of games, stories, reading and creative activities. Every session started off with warm-ups and stretches before the games began. Then the children were treated to a puppet show to ease them into the storytelling section of the day. Starting off with activities like these, helped the children feel confident and comfortable enough to engage with the stories, ask questions and express opinions. ”

Rinae Sikhwari, Limpopo

“ Kwithala leencwadi iNirvana, ePolokwane, abantwana bonwabela inkqubo yezemidlalo, amabali, ukufunda kunye nemisetyenzana yobugcisa. Iseshoni nganye yaqala ngokuzifudumeza kunye nokuzolula phambi kokuba imidlalo iqale. Emva koko abantwana bonwatyiswa ngomboniso wepapethi ukuze bangene lula kwicandelo lemini lokubalisa amabali. Ukuqala ngemisetyenzana efana nale, kwabanceda abantwana ukuze bazive bezithembile kwaye bekhululeke ngokwaneleyo ukuze babe nokusebenza ngamabali, babuze imibuzo okanye banike izimvo zabo. ”

nguRinae Sikhwari, eLimpopo



“ Over 50 children joined our holiday programme in Khayelitsha and enjoyed creative storytelling activities, like acting scenes and debating characters' choices in the plots of different stories. Children were encouraged to choose and borrow books that interested them to increase the chances of them coming back for more! ”

Thando Mkhoyi, Western Cape

“ Bangaphezulu kwama-50 abantwana abazibandakanya nenkqubo yethu yeeholide eKhayelitsha baze bonwabela imisetyenzana nemidlalwana yenkcubeko yokubalisa amabali, njengokudlala iindima ezithile emabalini nokuxoxa ngezinto abalinganiswa abazenzayo kwisakhiwo sebali kumabali ohlukileyo. Abantwana bakhuthazwa ukuba bakhethe okanye baboleke iincwadi abanomdla kuzo, nto leyo eya kwandisa amathuba okubuya kwabo ukuza kufuna nangaphezulu! ”

nguThando Mkhoyi, eNtshona Koloni



“ We wanted to show children that reading can be fun. We focused on writing activities and gave children the chance to write their own stories in any of their home languages using magazine pictures – some of the children's parents joined in too! The children also wrote and performed songs, and played traditional games. ”

Sithembiso Nhlapo, Free State

“ Sasifuna ukubonisa abantwana ukuba ukufunda kuyonwabisisa. Sagxininisa kwimisetyenzana yokubhala kwaye sanika abantwana amathuba okubhala awabo amabali ngazo zonke iilwimi zabo zenkobe, besebenzisa imifanekiso evela kwiimagazini – kangangokuba nabanye babazali bazibandakanya koku! Kananjalo abantwana baqamba baze bacula iingoma zabo, kwaye badlala nemidlalo yemveli. ”

nguSithembiso Nhlapo, eFreyistata



“ I went to the waiting room of the Lower Cross Road Clinic in Langa and spoke to parents and other caregivers about the importance of stories for doing well at school. There was a lot of discussion and everyone asked lots of questions! ”

Thabisa Thabi, Western Cape



“ Ndaya kwigumbi lokulinda kwiKliniki yaseLower Cross Road, kwaLanga ndathetha nabazali kunye nezinye iimpelesi malunga nokubaluleka kwamabali nendlela anceda ngayo ekufundeni kwabantwana esikolweni. Kwakukho ingxoxo eninzi kwaye wonke umntu wayefuna ukubuza imibuzo! ”

nguThabisa Thabi, eNtshona Koloni



“ Over 90 children joined the holiday fun at our outdoor holiday programme in Kliptown. They danced, wrote songs, played traditional games, and even took the cut-out-and-keep stories home to share with their families. ”

Bongani Godide, Gauteng

“ Kwakukho ngaphezulu kwama-90 abantwana abazibandakanya nolonwabo lwenkqubo yethu yangaphandle yeeholide eyayiqhutyelwa eKliptown. Abantwana babedanisa, beqamba iingoma, bedlala imidlalo yemveli, baze bathatha neencwadana zamabali onokuzisika-ze-uzigcine ukuze babelane ngazo neentsapho zabo. ”

nguBongani Godide, eGauteng



Drive your imagination



“ We held fun storytelling sessions in the sun. The children drew pictures, listened to a story and created their own little books from the Nal'ibali supplement to add to their home libraries. ”

Nkosingiphile Myeza, KwaZulu Natal

“ Sabamba iindibano zolonwabo zokubalisa amabali sigcramele ilanga. Abantwana bazoba imifanekiso, baphulaphula ibali baze bazenzela ezabo iincwadana ezivela kuhlalo lweNal'ibali ukuze bazigcine kumathala abo eencwadi asemakhaya. ”

nguNkosingiphile Myeza, KwaZulu Natala



“ We included sports activities in our programme to get the children excited about working together as a team. Along with fun ice-breakers, the children enjoyed games and songs, and had a mini soccer and netball tournament. Then we brought storytelling into the programme by telling the children the stories of sports stars! ”

Kamohelo Ramaipato, Western Cape

“ Kwinkqubo yethu saquka ezemidlalo ukuze abantwana bavuseleleke malunga nokusebenza njengeqela. Abantwana badlala imidlalo yokuhlala indlela nokukhupha iintloni, ze bonwabela imidlalo neengoma, kwaze emva koko kwakho itumente yebhola ekhatywayo neyomnyazi. Emva koko siye safaka ubaliso lwamabali kwinkqubo yethu ngokubalisela abantwana amabali ngeentshatsheli kwezemidlalo! ”

nguKamohelo Ramaipato, eNtshona Koloni



“ We ran a fun-filled three-hour programme every day for a week, and any children could come – not just the regular reading club members. The children enjoyed read-aloud stories, storytelling, drawing, painting, singing, playing games and doing sports in isiXhosa and English. ”

Malusi Puwe, Eastern Cape

“ Saqhuba inkqubo yeeyure ezintathu ezizele lunwabo yonke imihla, isithuba esingangeveki, kwaye kwakwamkeleke nawuphi na umntwana – hayi nje amalungu eklabhu yokufunda kuphela. Abantwana bonwabela amabali afundwa ngokuvakalayo, ukubaliswa kwamabali, ukuzoba, ukupeyinta, ukucula, ukudlala imidlalo kwakunye nokudlala imidlalo yesiXhosa neyesiNgesi. ”

nguMalusi Puwe, eMpuma Koloni



How to choose stories to read, tell and retell



Indlela yokukhetha amabali okufunda, okubalisa nokubaliswa kwakhona

What kinds of stories did you enjoy as a child? Which ones still shine in your memory? Think what you loved about them. These qualities are the kinds of things that children still enjoy today.

As a general rule, look out for:

- ★ characters you admire, fall in love with and want to cheer for
- ★ events that take you away from ordinary, everyday life
- ★ stories about an exciting adventure or problem to solve
- ★ language that is powerful and rich, and that helps you use your imagination
- ★ a satisfying ending.

Be alert! Many of the great traditional stories contain stereotypes and prejudiced descriptions and/or illustrations of people according to gender, culture, class, race, ability and age. We don't want to sanitise children's story worlds, but we also don't want to unthinkingly encourage prejudice. Look out for these things and change the story as you retell it. Good stories are worth adapting.

Ngamabali anjani owawuwonwabela xa wawungumntwana? Ngawaphi osawakhumbula ngokucacileyo? Cinga ngento owawuyithanda ngawo. Ezo zinto isezizinto abantwana abasazonwabelayo unanamhla oku.

Ngokubanzi, khangela:

- ★ abalinganiswa ababalulekileyo kuwe, obathandayo kunye nabo unqwenela ukubaqhwabela izandla, ubathakazelele.
- ★ izehlo ezikususayo kubomi obughelekileyo bemihla ngemihla
- ★ amabali anamahlandinyuka avuselelayo okanye angengxaki efuna ukusonjululwa
- ★ ulwimi olunefuthe elibalulekileyo nolutyebileyo ngokwesigama, nolukunceda ukuba uzakhele imifanekiso-ntelekelelo yakho
- ★ isiphelo esimnandi nesanelisayo

Yibanengqwalasela! Amabali amaninzi emveli aneenkcazelo ezithile ezithathelwa kwindlela enobugwenxa ekujongwa ngayo abantu abathile kunye neenkcaza ezicalulayo kunye/okanye nemifanekiso yabantu ecalula ngokwesini, ngokwenkcubeko, ngokodidi lwabantu, ngokobuhlanga, ngokolwazi nesakhono kunye nangokobudala babo. Asinqweneli kulenza lingabinamdla ngenxa yokulikhucula ilizwe lamabali abantwana, kodwa asinqweneli ukuzenza iimpumputhela, sikhuthaze ucalulo. Hlala uzinike ingqwalasela ezi zinto uze ulitshintshe ibali, ulilungise xa ulibalisa kwakhona. Amabali amnandi afanele ukulungelelaniswa.





Get story active!

Here are some ideas for using the stories in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

Tselane and the giant

Children from three years old are likely to enjoy this traditional South African story about a horrible giant that tricks a young girl.

- ★ After you have read the story, talk about some of these things.
 - ☉ The story says that the giant was horrible and greedy. Do you think he was born that way, or did he become that way? If you think he became like that, what do you think might have happened to make him like that?
 - ☉ Do you think the sangoma should have helped the giant? Why or why not? What would you have said to the giant if he had asked for your help?
 - ☉ What do you think of the plan the party hostess made to help Tselane? Are there other ways she could have helped Tselane?
 - ☉ What do you think of the way the giant treated his family?
 - ☉ Do you think the giant deserved what happened to him in the end? Why or why not?
- ★ Act out the story. Think about what kinds of voices to use for the giant's words when he is trying to trick Tselane, when he speaks to the sangoma and when he is angry.

There are more activities based on this story on page 16.

Too short

This is a story about a little girl who is too short to be able to see herself easily in the mirror! It is particularly suitable for very young children. You can also use the story with older children by letting them read it in their mother-tongue first and then in the other language of the supplement.

- ★ As you read the story together, do some of these things.
 - ☉ **Pages 2 and 3:** Ask: "What do you think the girl is doing? Why?"
 - ☉ **Pages 4 and 5:** Comment: "Look! She's tall enough to see in the mirror now!"
 - ☉ **Pages 6 to 9:** Point to the girl's eyes, ears, nose and mouth as you read. Ask: "Where are/is your eyes/ears/nose/mouth?"
 - ☉ **Page 11:** Ask: "How do you think the girl feels? Do you ever feel like that?" (Point to the adult.) "Who is this?"
- ★ If you have photographs of your children when they were very young, spend some time looking at them together.
- ★ Encourage older children to draw a picture of themselves when they were younger. Suggest that they write something to go with their pictures.

Koketso's party shoes

In this story Koketso is trying to find a pair of special shoes to wear to her friend's party. Many people try to help her, but no one seems to have that perfect pair of shoes! Enjoy reading this story aloud or retelling it.

- ★ As you read or tell the story, encourage your children to join in when you say the sounds that the different shoes made.
- ★ Give your children paper and crayons/pencil crayons. Suggest that they draw a picture of a pair of shoes that they would like to wear on a special occasion.



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso zokusebenzisa amabali akolu hlelo. Khetha ezo zifanele ubudala nemidla yabantwana bakho.



UTselane kunye nesigebenga

Abantwana abasusela kwiminyaka emithathu bangalonwabela eli bali lemveli laseMzantsi Afrika elimalunga nesigebenga esasisoyikeka nesaqhatha intombazanyana encinane.

- ★ Emva kokuba ulifundile ibali, thetha malunga nezinye zezi zinto.
 - ☉ Iballi lithi isigebenga sasikhohlakele kwaye sasibawa. Ucinga ukuba sazalwa sinjalo, okanye sajika saze saba njalo ekukhuleni kwaso? Ukuba ucinga ukuba sajika saba njalo ekukhuleni kwaso, ucinga inokuba yintoni eyasenza njalo?
 - ☉ Ucinga ukuba isangoma kwakumele ukuba sisincede isigebenga? Kutheni ucinga ukuba kwakumele sisincede okanye kutheni ucinga ukuba kwakumele singasincedi? Ngowawutheni esigebengeni ukuba sasilucele kuwe uncedo?
 - ☉ Ucinga ntoni malunga necebo likasotheko lokunceda uTselane? Ingaba zikho ezinye iindlela awayenokunceda ngazo uTselane?
 - ☉ Ucinga ntoni malunga nendlela isigebenga esasiluphethe ngayo usapho lwaso?
 - ☉ Ucinga ukuba isigebenga sasifanelwe koko kwasehlayo ekugqibeleni? Kutheni ucinga ukuba sasifanelwe koko okanye kutheni ucinga ukuba sasingafanelwanga koko?
- ★ Yenzani umdlalo weqonga osekwe kweli bali. Cinga ngeentlobo zamazwi anokusetyenziswa kumazwi esigebenga xa sizama ukuqhatha uTselane, xa sihetha nesangoma naxa sinomsindo.


Kukho imisetyenzana eyongezelelekileyo esekelwe kweli bali kwiphepha le-16.



Ndimfutshane kakhulu

Eli libali elimalunga nentombazana eyayimfutshane kakhulu neyayingakwazi ukuzibona lula esipilini! Eli bali lilungele kakhulu abantwana abancinane kakhulu. Ungalisebenzisa eli bali nabantwana abadala ngokubavumela ukuba balifunde ngolwimi lwabo lweenkobe kuqala, ze emva koko balifunde ngolunye ulwimi olu lohlelo.

- ★ Lo gama nifunda ibali ninonke, yenzani ezinye zezi zinto.
 - ☉ **Iphepha le-2 nele-3:** Buza oku: "Nicinga ukuba le ntombazana yenza ntoni? Kutheni?"
 - ☉ **Iphepha le-4 nele-5:** Gqabaza wenjenje: "Jonga! Mde ngokwaneleyo ukuba angazibona esipilini ngoku!"
 - ☉ **Iphepha le-6 ukuya kwele-9:** Yolatha amehlo, iindlebe, impumlo kunye nomlomo wentombazana lo gama ufundayo. Buza wenjenje: "Aphi amehlo akho/ ziphi iindlebe zakho/ iphi impumlo yakho/ uphi umlomo wakho?"
 - ☉ **Iphepha le-11:** Buza wenjenje: "Ucinga ukuba iziva njani le ntombazana? Ingaba wena ukhe uzive ngolu hlobo iziva ngalo?" (Yolatha kumntu omdala.) "Ngubani lo?"
- ★ Ukuba uneefoto zabantwana bakho ngexesha bebancinane kakhulu, sebenzisani elinye lexesha nizibuka ninonke.
- ★ Khuthaza abantwana abadala ukuba bazobe imifanekiso yabo yangokuya babesebancinane. Cebisa ukuba babhale okuthile okuhambelana nemifanekiso leyo.



Izihlangu zetheko zikaKoketso

Kweli bali uKoketso uzama ukufumana izihlangu ezikhethekileyo aza kuzinxiba kwitheko lomhlobo wakhe. Abantu abaninzi bazama ukunceda, kodwa akukho namnye onazo izihlangu ezimlingana twatse! Yonwabela ukufunda eli bali ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona.

- ★ Lo gama ufunda okanye ubalisa ibali, khuthaza abantwana bakho ukuba bakujoyine xa uphimisela izandi ezazisenziwa zizihlangu ezohlukileyo.
- ★ Nika abantwana bakho iphepha neekhrayoni/neekhrayoni zepensile. Cebisa ukuba bazobe umfanekiso wezihlangu abangathanda ukuzinxiba kumsitho okhethekileyo.

Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold each sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine!

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa iphepha phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination

The giant was so pleased with himself that when he passed a party being held in a neighbour's house, he decided to take a break to celebrate.

"Give me some beer!" he boomed at the hostess, placing his sack carefully next to him.

"Certainly," she said, but while he was guzzling the drink down, she heard a sweet, sad voice coming from his sack. "There's someone in there!" the hostess said to herself. "We must help her!"

Isigebenga sasoneliseke kakhulu ngumsebenzi waso kangangokuba sathi xa sidlula kumzi womnclwane onethoko, sagqiba kwelokukuba sikhc siphumle sibhiyozc nabantu naso.

"Khawundiphe umgombothi!" sathc ngelizwi laso elikhulu kusotheko, sabeka ingxowa yaso kakuhle ecaleni kwaso.

"Kulungile," wathc usotheko, kodwa lo gama isigebenga sisagongqoza sisela, weva ilizwi elimnandi neliluzizi liphuma ezithethela. "Kufuneka simncde!"



Tselane and the giant UTselane kunye nesigebenga

Joanne Bloch
Jiggs Snaddon-Wood




Tselane's mother always sings to her when she arrives home so that Tselane knows it's safe to open the front door. But a horrible giant tricks Tselane into opening the door, then stuffs her into his sack and steals her away. Luckily for Tselane, the giant stops at a neighbour's party to drink some beer. The hostess hears Tselane's voice from inside the bag, and comes up with a wonderful plan to rescue the girl and punish the nasty giant!

This version of the traditional African story, *Tselane and the giant*, is retold by Joanne Bloch.

Umama kaTselane wayesoloko ecula xa efika ekhaya ukuze uTselane ayazi ukuba kukhuselekile ukuvula ucango lwangaphambili. Kodwa isigebenga esikhohlakeleyo samqhatha uTselane ukuba aluvule ucango, saze sambamba, samfaka engxoweni yaso semka naye. Ngethamsanqa likaTselane, isigebenga sadlula kwammelwane apho kwakukho itheko, kuba sasifuna ukusela umqombothi. Usotheko weva ilizwi likaTselane liphuma engxoweni, waze wacinga icebo elikrelekrele kakhulu lokusindisa loo ntombazana, aze ohlwaye neso sikhohlakali sesigebenga!

Le nguqulelo yebali lemveli lase-Afrika elithi, *UTselane kunye nesigebenga*, ibaliswa kwakhona nguJoanne Bloch.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination



Along, long time ago, when giants roamed about and chickens talked, a poor woman lived with her daughter, Tselane, in a little house. Since she had nobody to look after Tselane, the woman was forced to leave the child alone when she went to plough her fields each day.

Of course, Tselane’s mother wanted her to be safe, so every morning when she left home, she reminded Tselane *never* to open the door for *anyone*. And every time she came home, she sang this song to her, “Tselane, my child, Tselane, my child, come and open the door!”

Then Tselane, who was waiting to hear her mother’s sweet voice, answered with her own little song, “Yes, Mama, I hear you! Yes, Mama, here I come!” she sang, unlocking the door with a big smile and hugging her mother tightly.

Kudala-dala, ngethuba izigebenga zisazula-zula neenkukhu zikwazi ukuthetha, kwakukho umfazi ohluphekayo owayehlala nentombi yakhe uTselane kwindlwana yabo encinane. Njengokuba kwakungekho mntu wokugcina uTselane, lo mfazi wayenyanzeleka ukuba amshiye yedwa umntwana yonke imihla xa esiya kulima emasimini.

Ngaphandle kwamathandabuzo, umama wakhe wayefuna ukuba uTselane akhuseleke, ngoko ke qho kusasa xa esimka ekhaya, wayemkhumbuza uTselane ukuba *angaze* avulele *nabani* na emnyango. Kwaye qho xa efika ekhaya, wayemculela le ngoma, “Tselane, mntwana wam, Tselane, mntwana wam, yiza undivulele umnyango!”

Aze yena uTselane, owayelinde ukuva ilizwi likamama wakhe eliminandi, aphendule ngeyakhe ingoma. “Ewe, mama, ndiyakuva! Ewe, Mama, ndiyakuva!” wayecula atsho, evula umnyango sele encume kakade, aze amange umama wakhe ngovuyo.



Turning to the giant, she said, “Please go and fetch me some water at the stream. In return I’ll give you a whole bucket of beer.”

“Ho ho!” said the greedy giant, grabbing the calabash she gave him. How could he know it had a little hole in it? At the stream, he tried again and again to fill it with water – but somehow, it never quite filled up.

Back at the house, the woman and her husband quickly helped Tselane out of the sack, and hid her in their house. Then they filled the sack with snakes, bees, lizards, wasps, crickets and frogs.


Waguquka wajonga isigbenga, waze wathi, “Nceda uye kundikhhelela amanzi emfuleni. Ukubuya kwakho kukupha ibhekile yonke yomqombothi.”

“Ho ho!” satsho isigbenga esibawayo, sithi hlasi iselwa awasiniika lona. Sasingazi njani ukuba elo selwa lalinomngxuma omninane? Emfuleni, wazama, wazama, wazama ukulizalisa ngamanzi – kodwa lalingakwazi ukuzala iselwa.

Emva ekhaya, lo mfazi nomveni wakhe bakhawuleza banceda uTselane bamkhupha engxoweni, baze bamfihla endlwini yabo. Bazalisa ingxowa ngeenyoka, iinyosi, amacikilishhe, oonomveva, iinyenzane namasele.

Impumlo yokujoja.
Umlomo wokucula.

A nose to smell.
A mouth to sing.



CAMBRIDGE

Too short is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 titles which are grouped by level and theme.

For further information, visit www.cup.co.za




Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za



CAMBRIDGE
UNIVERSITY PRESS
www.cup.co.za

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

Too short Ndimfutshane kakhulu



Nanziwe Mzuzu
Natalie Hinrichsen



Andiziboni.
I can't see me.



... but you will soon
be tall.



... kodwa uza
kuba
mde
kungekudala.

Amehlo amabini okujonga.
Iindlebe ezimbini zokuva.



Two eyes to see.
Two ears to hear.



Imilenze yam
mitutshane kakhulu.

My legs are too short.



Ndiyazibona.

I see me.



Now you are small ...

Ngoku ukhangeleka
umncinane ...



The giant felt very angry. He decided to go to the sangoma for help. “Eat this,” said the sangoma, giving him a piece of hot metal. “It will change the sound of your voice.”

The next day, when the giant sang to Tselane, his voice sounded sweet and beautiful. Thinking that her mother was home, the girl sang her song and joyfully opened the door. As quick as lightning, the evil giant seized her and threw her into a sack. Then he slung the wriggling sack over his shoulder and stomped off.

Isigebenga safixeka kakhulu ngumshindo. Sagqiba kwelokuba siye egqirhweni sifune uncedo. “Ginya oku,” latshe igqirha, limnika intsinjana ebomvu kwe kukutshisa. “Le ntsinjana iza kuyitshintsha indlela ilizwi lakho elivakala ngayo.”


Ngosuku olulandelayo, xa isigebenga siculela uTselane, ilizwi laso lalivakala kamnandi. Icinga ukuba umama wayo ubuyile, le ntombazana yaphendula ngeyayo ingoma yavula umnyango ivuya. Ngokukhawuleza kombane, isigebenga esikholakalelyo samthi ngaku, samphosa engxoweni yaso. Sayityatha egxeni loo ngxowa ikhabalazayo sahamba.

“Let me see you!” he growled, peering into the sack. But guess what? All the horrible creatures shot out and started stinging and biting him at the same time! Roaring, the giant leapt up and ran to the door, but it was locked. When he finally unlocked it, he ran screaming to the river and plunged his head into the muddy river bank. There he got stuck, and turned into a tree.

Look out for a tree with two trunks on the river bank – it is still there to this day. And as for Tselane, she was soon safely back home with her mother.

“Khawuvele wena ndikubone!” sambombozela, isigebenga sakroba engxoweni. Kodwa, khawuqashele, kwavela ntoni? Zonke izilwanyana ezoyikekayo zaphuma zaqalisa ukusiluma ngaxeshanye! Sigquma, isigebenga satsiba saya emnyango, kodwa umnyango wawutshixiwe. Ekugqibeleni sada sawuvula, sagqotsa ukuya emlanjeni, saziphosa ngentloko emanzini anodaka omlambo. Saye saxinga apho, sajika sangumthi.

Khangela umthi oneziqu ezibini ngathi yimilenze yomntu ecaleni komlambo – uselapho nanamhlanje. Yena ke uTselane, kungekudala wabuyela kumama wakhe ekhaya ekhuselekile.




One day, a horrible, greedy giant who lived close by heard the two singing to each other. “Mmm,” he said, drooling and licking his lips, “that child sounds like a delicious, tender snack!” A few days later, when the giant was particularly hungry, he trundled off to Tselane’s house. At the front door he took a deep breath, opened his mouth and sang, “Tselane, my child, Tselane, my child, come and open the door!” But Tselane just laughed. “Go away!” she said. “Your rough, ugly voice is nothing like my mama’s beautiful voice!”

Ngenye imini, isigebenga esikhohlakeleyo nesibawayo esahlala kufutshane sabeva beculolana abababini. “Mmm,” satsho siwaza izinkcwe silenca imilebe, “la mntwana uvakala ngathi kukutya okunencasa nokuthambe kamandi!”

Emva kwecentsuku ezimbaw, sathi sakuziva silambile isigebenga, saqengqeleka ukuya kuloTselane. Kumnyango wangaphambili sat sala umphetumlo, savula umlomo sacula, “Tselane, mntwana wam, Tselane, mntwana wam, yiza undivule umnyango!”

Kodwa uTselane wasuka wahlaka. “Hambal” watsho. “Ilizwi lakho elithwexayo alifani kwaphela nelizwi elimandi likamama wam!”



“Bring my sack inside!” he barked at his son, but when the boy picked the sack up, a wasp flew out and stung him on the nose. “WAAAA!” he wailed, running inside. “WAAAA! WAAAA!”

and went inside.

grumbling and rumbling. At his house, he dropped the sack woman, grabbed his beer and the sack and stormed off, water. He hung the leaking calabash down, glared at the After a long time, the giant came back with a little bit of

“WHERE’S MY SACK?” shouted the giant. “Bring it immediately!”

Now, his wife rushed outside, but a snake darted out and bit her hand. “YAAAA!” she howled, running indoors. “YAAAA!”

By now the giant was fuming. “Get out!” he shouted at his family. He jumped up, grabbed the sack and locked the door.

Emva kwexesha elide, isigebenga sabuya nentwana yamanzi. Safika salijula iselwa, sajonga umfazi, sathi hlasi ibhekile yomqombothi nengxowa yaso saphuma ngomsindo, simbombozela, sidumzela. Endlwini yaso safika sabeka phantsi ingxowa sangena ngaphakathi.

“Ngenisa ingxowa yam!” satsho ngelizwi elikhulu kunyana waso, kodwa xa inkwenkwe iphakamisa ingxowa, unomeva wabhabha waphuma wayiluma empumlweni. “WAAAA!” yakhala, ibaleka ingena ngaphakathi endlwini. “WAAAA! WAAAA!”

“TPHI INGXOWA YAM?” sakhwaza isigebenga. “Yizise ngokukhawuleza!”

Ngoku, yaba ngumfazi wakhe owakhawuleza waphuma phandle, kodwa inyoka yathi phinyi iphuma engxoweni yamluma esandleni. “YAAAA!” wakhwaza ekhala, ebaleka engena endlwini. “YAAAA!”

Ngeli xesha isigebenga sasisele sinomsindo kakhulu. “Phumani!” sakhwaza singxolisa usapho lwaso. Saphakama sathi hlasi ingxowa saze satshixa ucango.

Your story

Here are two pieces of writing that were sent to us. The first is a piece originally written in English by a mom about her son, Vincent. The second piece of writing is an Afrikaans poem about an unlikely friendship between two animals.

A special little boy with autism

Hello! My name is Vincent! I am 5 years old. My birthday is on the 7th of August.

I am a wonderful, loving and fun little boy. I do get irritable, sad, impatient and frustrated sometimes because I cannot make people understand what I really want, but please be patient.


My mommy cries and I wipe away the tears, she wants the best for me and everyone too!

My mommy is writing the story even though I cannot read or write yet, nor can I pronounce enough words to make up a sentence.

If there is something I know, like or want, I point to the picture.

I love my books. I love to run my fingers through the pages, but one day I will be able to read them! I try to follow the letters and make sounds, like mumble the words. Some words I know and letters too.

Collette (and Vincent) De Brouwer



Vincent with his mom, Collette, and his dad, Mychel
uVincent enomama wakhe, uCollette, kunye notata wakhe, uMychel




Friends

A happy little hippo
Blew water through his nose.
He is small next to his dad,
But not next to hare, I suppose.
He was playing by himself
When Mzee* came round the bend.
And do you know what happened?
Mzee is now his best friend.

Jaylee, Lemoenshoek Primary School, Overberg

* Mzee is the name of an old tortoise.



Ibali lakho

Nazi iziqwanaqwana zokubhaliweyo esizithunyelweyo. Esokuqala saqala sabhalwa ngesiNgesi ngumama malunga nonyana wakhe, uVincent. Esesibini ngumbongo we-Afrikaans omalunga nobuhlobo obungaqhelekanga phakathi kwezilwanyana ezibini.

Inkwenkwana encinane ekhethekileyo enesifo sengqondo esenza ukuba ifune ukuhlala yodwa (i-autism)

Molweni! Igama lam nguVincent! Ndineminyaka e-5. Usuku lwam lokuzalwa ngumhla we-7 kweyeThupha.

Ndiyinkwenkwana emangalisayo, enothando nethanda ulonwabo. Ndiyadikwa ndicaphuke lula, ndibe lusizi, ndingabi namonde kwaye ndidakumbe ngamanye amaxesha ngenxa yokuba ndingakwazi ukwenza abantu bayiqonde eyona nto endiyifunayo, kodwa nceda ube nomonde. Umama wam uyalila ndize ndimthuthuzele ndimsule iinyembezi, ufuna ndifumane okona kulungileyo njengabanye abantu!

Umama ubhala ibali nangona ndingekakwazi ukufunda okanye ukubhala okwangoku, okanye ndiphimisele amagama oneleyo ukwenza isivakalisi.

Ukuba kukho into endiyaziyo, endiyithandayo okanye endiyifunayo, ndolatha umfanekiso wayo.

Ndiyazithanda iincwadi zam. Ndithanda ukumana ndihambisa iminwe yam kumaphepha azo, kodwa ngenye imini ndakuze ndikwazi ukuzifunda! Ndizama ukulandela oonobumba kwaye ndenze nezandi, ezingathi kukumumatha amagama. Amanye amagama ndiyawazi, noonobumba abathile ndiyabazi.

nguCollette (kunye noVincent) De Brouwer

Abahlobo

Imvubu encinane eyonwabileyo
Yayivuthela amanzi ngempumlo yayo.
Ecaleni koyise ihleli ngobuncinanana,
Kodwa kwakungenjalo ecaleni komvundlana.
Yena wayezidlalela eyedwa
Gqi uMzee* evela egopheni
Qashela ukuba kwenzekani?
UMzee ngoku ngoyena mhlobo wayo.

nguJaylee, weSikolo samaBanga aPhantsi iLemoenshoek, e-Overberg

* UMzee ligama lofudo oludala.

NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:
Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.
SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.




UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:
Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.
Kwi-SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Koketso's party shoes

By Patricia de Villiers ★ Illustrations by Vian Oelofsen



"Ow! Ow! Ow!" said Koketso.

Granny was busy at the stove and didn't even turn around. "What is it, Koketso?" she asked.

"OWW! OWW! OWW!" shouted Koketso. "My feet hurt. My shoes are too small."

Granny turned and looked at her. "I can't believe that, Koketso. Those shoes are almost new. Your feet can't have grown so much, so quickly."

"Oh, Granny," said Koketso, "maybe they wouldn't hurt so much if they weren't so brown and ugly. Maybe if they were soft, pretty shoes with sparkles and a ribbon, then they would fit me nicely."



Granny turned back to stir her pot. "Maybe," she said.

"Please, Granny," said Koketso. "I can't wear these ugly brown shoes to the party tomorrow."

"I see," said Granny, slicing the onions.

Koketso pulled her shoes off, then she went outside and had a little cry.

Old Uncle Koos came past with his shopping trolley. "What's the matter, Koketso?" he asked.

"I'm going to my best friend's birthday party tomorrow," said Koketso, "and I don't have any pretty shoes to wear."

So Uncle Koos looked through all the stuff in his trolley, but all he could find was a pair of old takkies with holes in them.

"Sorry," he said. "I can't help you, Koketso."

"Thank you for trying," sniffed Koketso.

Then the rubbish truck came by and stopped outside the house.

"Why the tears, Koketso?" asked the driver.

"I need some party shoes," said Koketso, "and I don't know where to find some."

"Shame," said the driver. "All the shoes in my truck are mixed up with the rubbish. But I often see shoes in the rubbish bins – there must be a lot of people around here with shoes they don't want. Why don't you ask your friends?"

Koketso thought that was a very good idea. So she went to see her friend, Mrs Salmon.

"Hello!" she called out. "Mrs Salmon, I need some party shoes. Do you have any party shoes for me?"

Mrs Salmon came to the door holding a pair of shoes. "Here, Koketso," she said, "you can have these, but I'm afraid one of the heels is a bit loose."

The shoes were pretty and sparkly and Koketso thought they were beautiful.

"Thank you, Mrs Salmon!" she said. Koketso put the shoes on and did a little dance. But the loose heel wobbled a lot. *Clack!* it went as Koketso walked down the road, *clackety-clack!*

"Oh no," said Koketso, "I can't go to a party in clackety shoes!" So she gave the shoes back to Mrs Salmon and thanked her for trying to help.

"Why don't you ask your cousin Pinky for some shoes?" suggested Mrs Salmon.

So Koketso did. "Hello!" she called out at Pinky's house. "Pinky, I need some party shoes. Have you got any party shoes for me?"

Pinky went to look in her cupboard. "Here you are, you can have these," she said to Koketso. The shoes had little red hearts all over them and each one had a big white bow. Koketso was very happy.

"Thank you, Pinky!" she said. She put the shoes on and did a little dance. The shoes were beautiful, but they did pinch her toes terribly.

"Ouch," said Koketso. "I can't go to a party in pinchy shoes." So she gave the shoes back to Pinky and thanked her for trying to help.

"Why don't you ask Auntie Shirley for some shoes?" suggested Pinky.

So Koketso did. But Auntie Shirley's shoes were so big that she had to shuffle to keep them on – *shuffle, shuffle, shuffle, shuffle*. So Koketso had to give them back.

Koketso went to see everyone she knew. And wherever she went, her friends gave her shoes to try on.

But none of them was quite right. Pumla's shoes were so old that Koketso's toes poked out and the soles flapped – *flap flappity-flap*. Mama Maloyi's shoes had such high heels that Koketso kept falling off them and twisting her ankles. Old Mrs Naidoo's shoes were almost perfect, but they had a horrible squeak. *Squeak squeakety-squeak*. Koketso just couldn't find the party shoes she was looking for, so she went home.

She found Granny in the kitchen. "Oh, Granny," Koketso said sadly, "I've been all over and tried and tried, but NOBODY has party shoes for me!"

"And what's wrong with those?" said Granny, pointing at a pair of shoes on the table.

Koketso looked. The shoes were sparkly with pink ribbons.

Koketso put them on and danced and twirled around the kitchen. The shoes felt just right on her feet and they didn't clack or shuffle or flap or squeak. "I love them, Granny," she said. "Where did you find them?"



"They are your brown-and-ugly shoes," said Granny. "While you were out a fairy came by and made them beautiful."

Koketso looked at the table and smiled. "*Hau*, Granny, that fairy was *you!*" she said. "I can see your workbasket ... and some glue ... and some glitter! I know it was you!"

Granny just chuckled.

"I love you, Granny," said Koketso as she hugged her around the waist.

"And I love you, Koketso," said her granny. "I hope those shoes fit you better now."

"Oh yes," said Koketso, "they fit perfectly!"





Izihlangu zetheko zikaKoketso

Libali likaPatricia de Villiers ★ Imifanekiso yekaVian Oelofsen

Indawo
yamabali

“Owu! Owu! Owu!” watsho uKoketso.

UMakhulu wayexakeke kakhulu esitovini kangangokuba zange anyeke nokunyeka. “Yintoni Koketso?” ubuze watsho.

“OWWUU! OWWUU! OWWUU!” wakhwaza uKoketso. “Iinyawo zam zibuhlungu. Izihlangu zam zincinci kakhulu, ziyandiluma.”

UMakhulu waguquka wamjonga. “Andikukholelwa ke oko, Koketso. Ezo zihlangu phantse zibe zitsha nje. Iinyawo zakho azikwazi ukukhula kakhulu kangako, ngexeshana elifutshane kangaka.”

“Owu, Makhulu,” watsho uKoketso, “mhlawumbi bezingasayi kunditya kangaka ukuba bezingebrawunanga kangaka kwaye zizibi kangaka. Mhlawumbi ukuba ibizizihlangu ezithambileyo, ezihle kwaye ziqaqambile, zinayo neeribhoni, beziza kundilingana kakuhle.”



UMakhulu waguquka kwakhona wazamisa imbiza yakhe. “Mhlawumbi kunjalo,” watsho.

“Ndiyakucela, Makhulu,” watsho uKoketso. “Angekhe ndikwazi ukunxiba ezi zihlangu zibi nezibrawuni kangaka ethekweni ngomso.”

“Ndiyabona,” watsho uMakhulu, enqunqa itswele.

UKoketso wazikhulula izihlangu zakhe, emva koko waphuma phandle waya kulila kancinane.

UTatomkhulu uKoos wadlula etyhala itroli yakhe yokufaka izinto azicholeyo. “Yintoni, Koketso?” wabuza.

“Ndiya kwitheko lokuzalwa loyena mhlobo wam ndimthandayo ngomso,” watsho uKoketso, “kodwa andinazo izihlangu ezihle endiza kuzinxiba apho.”

Uthe ke uTatomkhulu uKoos wavumbulula phakathi kwezo zinto zazikule troli yakhe, kodwa awakufumanayo yayiziiteki ezindala nezinemingxuma nje kuphela.

“Ndiyaxolisa,” watsho. “Andikwazi ukukunceda, Koketso.”

“Enkosi ngokuzama kwakho,” wafixiza watsho uKoketso.

Emva koko kwafika inqwelo yokuthutha inkunkuma yaze yemisa ecaleni kwendlu.

“Ulilela ntoni, Koketso?” wabuza umqhubi wenqwelo yenkunkuma.

“Ndifuna izihlangu zokunxiba ethekweni,” watsho uKoketso, “kodwa andazi ukuba ndingazifumana phi na.”

“Owu torhwana,” watsho umqhubi. “Zonke izihlangu ezikule nqwelo yam zixubene nenkunkuma. Kodwa ndikhe ndizibone izihlangu emigqomeni yenkunkuma – kumele ukuba kukho abantu abaninzi kule ngingqi abanezihlangu abangazithandiyo nabafuna ukuzilahla. Kutheni ungabuzi kubahlobo bakho nje?”

UKoketso walibona ilicebo elihle kakhulu eli alinikwayo. Ngoko ke waya kubona umhlobo wakhe, onguNkosikazi Salmon.

“Molo wethu!” wakhwaza. “Nkosikazi Salmon, ndifuna izihlangu zokunxiba ethekweni. Ingaba unazo na izihlangu onokundipha zona?”

UNKosikazi Salmon weza emnyango ephethe izihlangu. “Nazi ke, Koketso,” watsho, “ungazithatha ezi zihlangu, kodwa ngelishwa esinye sezithende sinako ukugungqana okuncinane.”

Ezi zihlangu zazizihle kwaye zazikahazimla kangangokuba noKoketso wacinga ukuba zihle. “Enkosi, Nkosikazi Salmon!” watsho. UKoketso wazinxiba izihlangu waza wenza umdaniso omfutshane. Kodwa isithende esishukumayo sasigungqa kakhulu. *Rhaxa!* sasisitsho lo gama uKoketso ehamba, esihla ngendlela, *rhaxa, kre-rhaxa!*

“Owu hayini,” watsho uKoketso, “Andikwazi ukuya ethekweni ngezihlangu ezingxolayo!” Ngoko ke wazibuyisela kwakuNkosikazi Salmon izihlangu ezo, waze wambulela ngokuzama ukumnceda kwakhe.

“Kutheni ungaceli izihlangu kumzala wakho uPinky nje?” wacebisa njalo uNkosikazi Salmon.

Ngoko ke naye uKoketso wenza njalo. “Molweni!” wangena ekhwaza njalo endlwini yakuloPinky. “Pinky, ndifuna izihlangu zokunxiba ethekweni. Ingaba unazo izihlangu onokundipha zona?”

UPinky waya kujonga ekhabhathini. “Nazi, ungazithatha ezi,” watsho kuKoketso. Ezi zihlangu zazineentliziyo ezincinane ezibomvu ndawo yonke kwaye intliziyo nganye yayineqhina elikhulu elimhlophe. UKoketso kwamonwabisa kakhulu oku.

“Enkosi kakhulu, Pinky!” watsho. Wazinxiba izihlangu ezo waza wenza umdaniso omfutshane. Izihlangu zazizihle, kodwa zamtya kabuhlungu kakhulu phaya ezinzwaneni.

“Owu shu,” watsho uKoketso. “Andikwazi ukuya ethekweni ngezihlangu ezinditya kabuhlungu kangaka. Ngoko ke wazibuyisela kwakuPinky izihlangu ezo waze wambulela ngokuzama kwakhe ukumnceda.

“Kutheni ungaceli izihlangu kuMakazi uShirley nje?” ucebise ngelitsheyo uPinky.

Ngoko ke uKoketso wenza njalo. Kodwa izihlangu zikaMakazi uShirley zazizikhulu kakhulu kangangokuba kwakufuneka ukuba ashixize xa ehamba ngazo ukuze zingapoqi – *shixi, shixi, shixi, shixi*. Ngoko ke kwafuneka ukuba uKoketso azibuyisele kwakuye.

UKoketso waya kumntu wonke amaziyo. Kwaye kuyo yonke indawo awaya kuyo, abahlobo bakhe babemnika izihlangu ukuze azilinganise.

Kodwa kwakungekho ezide zimlingane twatse okanye zibe yile nto ayifunayo. EzikaPhumla izihlangu zazizidala kakhulu kangangokuba iinzwane zakhe zazivelile kuzo kwaye iisoli zazo zaziphaqaza – *phaqa phaqa-phaqa*. Izihlangu zikaMama uMaloyi zazinezithende eziphakame kakhulu kangangokuba uKoketso wayesiwa njalo, apetyeke amaqatha. Ezexhegokazi elinguNkosikazi Naidoo zona zaphantse zagqibelela, kodwa zazinengxolo embi etswinayo. *Tswi tswi-tswi*. UKoketso zange nje azifumane izihlangu ezigqibeleleyo zokunxiba ethekweni nawayezifuna, ngoko ke wagoduka.

Wafika uMakhulu esesekhitshini. “Owu Makhulu,” watsho kalusizi uKoketso, “ndihambe indawo yonke, ndazama, ndazama, kodwa AKUKHO NAMNYE onezihlangu endinokuzinxiba ethekweni nanokundipha zona!”

“Kanene yintoni engalunganga ngeziya?” watsho uMakhulu, esolatha izihlangu ezazipezu kwetafile.

UKoketso waphakamisa amehlo wajonga. Ezo zihlangu zaziqhakazile, zineeribhoni ezipinki.

UKoketso wazinxiba ezo zihlangu waze wadanisa ejikeleza ekhitshini. Izihlangu ezo zazimlingana kakuhle kwaye zazingangxoli, zibhongqoze okanye zishixize okanye ziphaqaze okanye zitswine. “Ndiyazithanda kakhulu, Makhulu,” watsho. “Uzifumene phi?”



“Zeziya zihlangu zakho zibrawuni-kwaye-zibi,” utshilo uMakhulu. “Ngalaa mzuzu ubusaphumile kuye kwafika umkholonjane waza wazenza zazihle ngolu hlobo.”

UKoketso wajonga etafileni waze wancuma. “*Hayi bo*, Makhulu, loo mkholonjane *ibinguwe!*” watsho. “Ndiyayibona ibhaskithi yakho enezinto zokuthunga ... kunye neglu ... kunye namaqokobhe anezinto zokuhombisa! Ndiyazi ibinguwe!”

UMakhulu wathi gquzu, gquzu kancinane, ehleka.

“Ndiyakuthanda, Makhulu,” watsho uKoketso lo gama amanga esinqeni.

“Nam ndiyakuthanda, Koketso,” watsho uMakhulu wakhe. “Ndiyathemba ukuba ezo zihlangu zikulingana ngcono ke ngoku.”

“Owu ewe,” watsho uKoketso, “zindilingana twatse!”



Nal'ibali fun



Circle the words that you think best describe the giant from the story, "Tselane and the giant". Then add another two words of your own to describe him.

clever	joyful
greedy	angry
evil	cruel
sweet	_____
horrible	_____



Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



Yenza isangqa kumagama ocinga ukuba ngawona asichaza ngcono isigebenga esikwibali elisihloko sithi, "UTselane kunye nesigebenga". Emva koko yongeza awakho amanye amagama amabini uchaza esi sigebenga.

sikrelekrele	siyavuya
siyabawa	sinomsindo
sikhohlakele	sikhohlakele
silungile	_____
siyoyikeka	_____



Do you enjoy reading and telling jokes? Here are some school jokes for you to enjoy. After you've read them, try writing your own joke. Brighten up someone else's day by telling them your joke!



Ingaba uyakonwabela ukufunda nokuhlekisa abanye ngeziqhulo? Nazi ezinye zezihlekiso zasesikolweni onokuzonwabela. Emva kokuba uzifundile, zama ukubhala ezakho izihlekiso. Yenza usuku lomnye umntu lube mnandi ngokumbalisela isihlekiso sakho!

Teacher: Can you tell me something important that didn't exist 100 years ago?
Child: Me!

Utiishala: Ungandixelela ngento ebalulekileyo eyayingekho kwiminyaka eli-100 eyadlulayo?
Umntwana: Ndim lowo!

Teacher: Please don't whistle while you are working.

Child: But I'm not working – I'm just whistling!

Utiishala: Nceda musa ukubetha umlozi xa usebenza.

Umntwana: Kodwa andisebenzi – ndibetha umlozi qha!

Teacher: I've lost my dog!
Child: Have you tried putting a message on the Internet, Miss?

Teacher: Don't be silly! My dog never reads emails!

Utiishala: Inja yam ilahlekile!
Umntwana: Ingaba ukhe wazama ukuthumela umyalezo kwi-intanethi, Tiishalakazi?

Utiishala: Musa ukugeza apha! Inja yam zange yazifunda ii-emeyili!

Teacher: I thought I told you to stand at the back of the line?
Child: I tried, but there was someone there already.

Utiishala: Ndicinga ukuba ndithe kuwe yima ngemva emgceni?
Umntwana: Ndizamile, kodwa bekusele kukho omnye umntu phaya ngasemva.



Draw a picture to go with the part of the story, "Tselane and the giant", where the giant is shouting for his son to bring his sack inside the house.



Zoba umfanekiso ohambelana nenxalenye yebali elisihloko sithi, "UTselane kunye nesigebenga", apho isigebenga sikhwaza unyana waso ukuba angenise ingxowa yaso ngaphakathi endlwini.

WHERE'S MY SACK?
IPHI INGXOWA YAM?



Write your joke here. Bhala esakho isiqhulo okanye isihlekiso apha.



Reading club tip

Ask the children to cut out their completed jokes. Paste them all onto a large sheet of paper to create a poster which you can display. Let the children enjoy reading all the jokes!

Ingcebiso yeklabhu yokufunda

Cela abantwana bakho ukuba basike, bakhuphe izihlekiso zabo abazigqibileyo. Zincazathelise zonke kuxwebhu lwephepha, wenze ipowusta onokubonisa ngayo. Bavumele abantwana ukuba bonwabele ukufunda zonke izihlekiso neziqhulo zabo!



Get your copy of our special International Picture Book Month edition of the Nal'ibali reading-for-enjoyment supplement in the week of 8 November 2015!



Visit our mobisite for stories in 11 languages: www.nalibali.mobi
Ndwendwela imobhisayithi yethu ukuze ufumane amabali ngeelwimi ezili-11 ku-www.nalibali.mobi

Fumana eyakho ikopi yoshicilelo olukhethekileyo lweNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa lweNyanga yeZizwe ngeZizwe yeeNcwadi zeMifanekiso kwiveki yomhla we-8 kweyeNkanga kowama-2015!

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld



Drive your imagination